Isalathiso: 20210208-862
Inombolo yefayili: 13/10/1/2
Imibuzo: ABaququzeleli boVavanyo kwiZithili

INgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo: 0001/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo

Isihloko: Amaxesha asikiweyo atshintshiweyo olawulo lovavanyo ukwenzela u-2021

1. Le ngcaciso imfutshane yazisa imihla etshintshiweyo kwinkqubo yokufakwa kwezibheno (*appeal process*), izicelo zeminyinyiva yokuxolelwa kwiimvavanyo *(assessment accommodations)* notshintsho lwezifundo ukulungiselela u-2021, ngenxa yekhalenda yesikolo etshintshiweyo okubangelwe ngubhubhane we-*COVID-19*.

1.1 **UKULAWULA KWEZICELO ZEZIBHENO NGO-2021**		
IMBALELWANO YEPHONDO	**UMSEBENZI**	**IMIHLA ETSHINTSHIWEYO**
ISetyhula 0028/2011, yomhla we-28 Novemba 2011, neNgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0014/2016, yomhla we-17 Novemba 2016, zicacisa inkqubo emayilandelwe ukuba abazali okanye abagcini babafundi banqwenela ukufaka isicelo sokubhena ngokumalunga neziphumo zokudlulela	Umhla wokuvala kubazali ukuba bafake izicelo zezibheno malunga neziphumo zokudlulela kwesinye isigaba/zokupasa kwabantwana babo:	**19 Februwari 2021**
	Inqununu mazazise abazali ngesiphumo sesicelo sesibheno ngencwadi ebhaliweyo.	**26 Februwari 2021**
	Izikolo zinika umphathi wesekethe irejista yezicelo zezibheno	**02 Matshi 2021**
	Umhla wokuvala kubazali abangonelisekanga ziziphumo zesicelo	**03 Matshi 2021**

kwesinye isigaba nokupasa zabantwana babo.	sesibheno esenziwe esikolweni, wokufaka isicelo sesibheno kumlawuli wesithili.	
	Zonke izicelo zezibheno zeenjongo zokupasa kwabafundi (AmaBakala 1–11) maziqukunjelwe zizithili.	**17 Matshi 2021**

1.2 **UKULAWULWA KWEMINYINYIVA YOKUXOLELWA KUVAVANYO NGO-2021**		
IMBALELWANO YEPHONDO	**UMSEBENZI**	**IMIHLA ETSHINTSHIWEYO**
ISetyhula 0017/2016, yomhla we-19 Apreli 2016, iNgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0005/2017, yomhla we-16 Matshi 2017, neNgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0001/2019, yomhla we-28 Januwari 2019, zinika isikhokelo ngokulawulwa kweminyinyiva/kokuxolelwa kuvavanyo ukwenzela abafundi bamaBakala R ukuya ku-12 abanengxaki yezithintelo ekufundeni nakuvavanyo, nokwenzela abafundi bamaBakala 4 ukuya ku-12 abacela ukuba baqwalaselwe njengabemi bamanye amazwe (*immigrant status*) ukwenzela iinjongo zovavanyo.	**Izicelo zeminyinyiva yokuxolelwa kuvavanyo namaphepha atshintshwe apha naphaya:** • AmaBakala R ukuya ku–9 kwinqanaba lesikolo nakwelesithili. • AmaBakala 10–11: Makarekhodwe kwi-*CEMIS* kunyaka womfundi weBakala 10/11. **(Akukho zicelo zitsha ziya kwamkelwa kwiBakala 12).**	**Ngokuqhubekekayo** **Oktobha 2021**
	Izicelo zezibheno zamaBakala 10 ukuya ku-11.	**Novemba 2021**
	Ukungqinisiswa kwazo zonke iimfuno zokutshintshwa apha naphaya kwiimeko zamaphepha atshintshwe apha naphaya needivayisi ezizincedisi *(assistive devices*) (umzekelo, iibreyili (*braille),* ifonti enkulu, ii-*audio files* njalo-njalo.) ukwenzela abafundi abaneemfuno ezozidwa, ekufuneka zi-odolwe ngokukhethekileyo liSebe leMfundo	**26 Matshi 2021**

	esiSiseko (*Department of Basic Education)*.	

1.3 **IMIHLA YOKUVALWA KUTSHINTSHO LWEZIFUNDO NGO-2021**		
IMBALELWANO YEPHONDO	**UMSEBENZI**	**IMIHLA ETSHINTSHIWEYO**
ISetyhula 0028/2016, yomhla we-30 Julayi 2016, neNgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0018/2018, yomhla we-06 Disemba 2018, yazisa izikolo ngokusingathwa nokulawulwa kotshintsho lwezifundo kumaBakala 10, 11 no-12.	Utshintsho lwezifundo **kwiBakala 12** lwenziwa kwi-*CEMIS*.	**26 Februwari 2021**
	Utshintsho lwezifundo **kwiBakala 11** (izifundo ezibini ezona zininzi) lwenziwa kwi-*CEMIS*.	**14 Meyi 2021**
	Izicelo zotshintsho lwezifundo **kwiBakala 10** ezivela kubazali (izifundo ezibini ezona zininzi)	**30 Julayi 2021**
	Utshintsho lwezifundo **kwiBakala 10** lwenziwa kwi-*CEMIS***.**	**13 Agasti 2021**

2. Kucelwa iinqununu zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke ootitshala nabazali ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE: WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2021-02-16